

INDLELA YOKUNIKA UMNTU I-MORPHINE ESELWAYO XA USEKHAYA.

Iyeza i-morphine linamandla kwaye lizilingene iintlungu ezikumanqanaba aphezulu.

I-Morphine kufuneka ithathwe ngomlomo maxa onke, rhoqo emva kweyure ezi-4. Umnakekeli-mpilo wakho uya kukuyalela ukuba yi-morphine engakanani ofanele uyisebenzise. Landela ngqo lemiyalelo oyinikiweyo.

Imiqathango yokusebenzisa i-morphine yakho:

Thatha umlinganiselo/idosi (dosage) omiselweyo rhoqo emva kweyure ezi-4 ngokwexesha.

Thatha idosi esisiqingatha yesiqhelo (isiqingatha sedosi yeeyure ezi-4) ukongezelela xa iintlungu zibuya phambi kwexesha elicwangcisiweyo. Idosi inokuphindwa nanini na phakathi kweedosi zeeyure ezi-4 ezicwangcisiweyo. Idosi eyongeziweyo ibizwa ngokuba yidosi yokongezelela.

Qhubeka nokuthatha idosi emiselweyo yeeyure ezi-4 ngexesha. (6am, 10am, 2pm, 6pm, 10pm, 2am)

Ekupheleni kwethuba leeyure ezingama-24, dibanisa yonke imithamo ethathiweyo emva koko wahlule nge-6.

Umzekelo, ukuba idosi yeeyure ezi-4 yi-10ml kunye nemithamo eyongezelelweyo emi-4 ye-5 ml ithathiwe, iyonke emva kweyure ezingama-24 yi-80ml (6x10 kunye no-4x5 = 80). Idosi entsha yeeyure ezi-4 ngoku yi-14 ml (i-80ml eyahlulwe ngo-6 yi-14ml). Idosi yokongezelela ngoku yi -7 ml (isiqingatha sedosi yeeyure ezi-4).

Ukumentesha idosi ye morphine:

Galela intwana ye-morphine esebhotileni kwikomityi.

Tsala idosi yakho ngesirinji (ngaphandle kwenaliti) de ufike kwinani elifunekayo.

Galela imorphine emlonyeni womntu oneentlungu usebenzisa isirinji.

Buyisela nayiphi na i-morphine engasetyenziswanga ebhotileni.

Kubalulekile ukuba ungayiyeki ngokukhawuleza i-morphine yakho kuba iintlungu nemiphumela zingabuya ngamandla. Kufuneka uyithobe ngononophelo xa uyiyeka.

Xoxa ubonisane ngotshintsho lwedosi kunye nabanakekeli-mpilo bakho.

Imiphumela: (side effects)

I-Morphine maxa wambi ibangela imiphumela enganqwenelekiyo noxa ilindelekile:

Isicaphucaphu - oku kungaphela emva kweentsuku ezimbalwa zokuqala ukuya kwiiveki ezimbini, kwaye singangathandeki. Amayeza okusilawula ayafumaneka.

Ukuqhinwa kwesisu – umnakekeli-mpilo wakho angakunika unyango ngeendlela ezahlukeneyo ukuzama ukukhawulelana nalemeko.

Umlomo owomileyo - sela rhoqo imithamo yamanzi.

Ukozela - oku kuya kuncipha emva kweentsuku ezimbalwa, kodwa ukuba kuyaqhubeka okanye kuyakoyisa, idosi inokuhlangahlengiswa ngumnakekeli-mpilo wakho.

Ukubila okanye ukuxhuzula kwezihlunu - xelela umnakekeli-mpilo wakho ukuba ufumana le miphumela.

Ukuba iintlungu azipheli, yazisa umnakekeli-mpilo wakho ukuze idosi inyuswe okanye kongezwe amanye amayeza.